Ibhayibhile yeyabana
Ukhuyazisi

# Ukuqaleka kokuhlupheka komntu



UTHIXO WAKWENZA KONKE! Xa Thixo wena umntu wokuqala uAdam wahlala emyezweni nomkakhe uEfa.




Babonwabile behlonele uThixo bevuyela ubukho bakhe de kwaminazana ithile ...



"Ingaba uThixo umiyalele na ukuba ningadli kweminye imithi?" yabuz yatsho inyoka kuEfa.



Singadla
kuzo zonke
iziqhamo
ngaphandle komthi
omnye ukua
siwudlile sakufa
"waphendula
watsho."



"Anukufa" Yaqhosha yatsho inyoka.



“Nakufana naye uThxo” UEfa wasinqwenela isiqhamo salo mthi. Waphulaphula inyoka waza wadla isiqhamo.

Emveni kokungawuthobeli
umthetho ka Thixo
wahenda
uAdam
ukuba
adle naye
isiqhamo.





Naye uAdam ngewayethe "Hayi andiyikungawuthobeli umthetho kaThixo."





Bathi bakuba bonile uAdam
no Efa babona ukuba baze.



Bazithungela izigqumatheli ngamagqabi omthi wefiya bazigquma ngazo bazimela ngetyholo bebaleka ebusweni buka Thixo.


Khuthe sekusihlwa ekupholeni kwelanga UThixo wehlela ngasemyezweni. Abe esazi ukuthi uAdam nomkakhe uEfa benzentoni.

UAdam uthe umfazi ondinike yena.



UEfa wathi inyoka indikhohlisile wathi uThixo “enyokeni uqalekisiwe, umfazi uyakuva intlungu ekuzalweni kwa bantwana bakho.”



Adam ngokuba wonile ndiyawuqalekisa umhlaba ngameva nomqaqoba. Uyakudla ukubila kwebunzi lakho.





UThixo wenza ikrele lomlilo wabakhupha emyezweni kuba bonile bohlukaniswa kuThixo umniki bomi.



UThixo wenza ikrele lomlilo wabakhupha emyezweni.



UThixo waze wabenzela izambatho ngesikhumba sebhokhwe. Wayezithathaphi uThixo izikhumba.

Ethubeni uAdam noEfa bazala abantwana Unyana wokuqala Khayeni owayengumlimi nowesibini uAbheli uwayengumfama.



Ngaminazana ithile uKhayeni wezisa imifuno yedini elinyukayo. UAbheli wezisa naye umnikelo wezona zimvu zityebileyo phambi koThixo.



UThixo woneliseka kahulu ngumnikelo kaAbheli.



UThixo akazange oneliseke ngumnikelo kaKhayeni. UKhayeni wabanomsindo kakhulu.



Kodwa uThixo
wathi kuye “ukuba
wenza okuhle
uyakwamkeleka.”



Umsindo kaKhayeni awuzange uphele. Bathe besendle wamhlasela uAbheli waza wabulala.




UThixo wthetha kuKhayeni wathi "uphi umninawa wakho uAbheli" ...

... wathi keke yena ukuphendula "ndingumgcini womninawa wam kusinina andimazi" watsho exoka.



UThixo wamohlwaya uKhayeni ngokumqalekisa wawuthabatha umhlaba elulawulweni ...



... lwakhe nesipho sokukwazi ukulima waza wamqalekisa abesisibhadubhadu.



UKhayeni wesaba phambi kobuso bukaThixo. Waza watshata nodade wabo intombi kaAdam noEfa baze banosapho.



Kwakamsinyane isizukulwana sikaKhayeni sanda saze sagcwalisa umhlaba ayeme kuwo.



Kwangeloxa, intsapho kaAdam yanda ngokukhawuleza ngalomaxesha abantu babephila ithuba elide kunanamhlanje.



Ukuzalwa kukanyana wakhe uSeti uEfa wathi “uThixo undinike uSeti endaweni kaAbheli.”



USeti ke wayemkhona kakhulu uThixo waphila iminyaka eyi 912 wazala abantwana abaninzi kahulu.



Ehlabathini abantu baya bekhohlakala ngokukhohlakala kwizizukulwana ngezizukulwana ezilandelanayo.



UThixo waza wamthsabalalisa umntu.



... Zonke izilo neentaka. UThixo wazisola ngokudala kwakhe umntu.



Kodwa yabnye nje indoda eyamkholisayo uThixo.



Loo ndoda nguNowa.
Umlibo ka seti,
uNowa wayelilungisa
engenasici.



Waye wabafundisa noonyana bakhe abathahu ukumthobela uThixo.





UThixo waza waceba ukumsebenzisa uNowa ngendlela engaqhelekanga nekhethekileyo kakhulu.

Ukuqaleka kokuhlupheka komntu

Ibali elisuka emzwini aka thixo, eliyiBhaibhile

Ifumaneka ku

IGenesis 3-6

"Ukutyhilwa kwamazwi akho, Kuyakhanyisa."
Indumiso 119:130

Eli bali le Bhayibhile lisixelela ngobuhle bukaThixo wethu osidalileyo wafuna ukuba umazi Yena.

UThixo uyayazi ukuba senze izinto ezimbi, azibiza ngokuba sisono. Umvuzo wesono kukufa, kodwa uThixo uyakuthanda kangangokuba uthumele unyana wakhe okuphela kwakhe uYesu, ukuba afe emnqamlezweni ohlwaywe ngezono zethu. UYesu wavuka ekufeni wabuya wenyukela emazulwini! Ukuba uyakholwa kuYesu umcela akuba akuxolele izono zakho, uyakuza ahlale kuwe ngoku, uyakuhlala kuye ngona phakade.

Ukuba uyakholwa ukuba
le yinyaniso, yithi kuThixo:

Nkosi Yesu, ndiyakholwa ukuba unguThixo, kwaye weza wabangumntu ukufela amatyala am, wabuye waphila kwakhona. Nceda ungene ebomin bam undixolelele izono zam, ukuze ndibenobomi obutsha, ukuze ngenye imini ndihambe ndiyokuba nawe ngonaphakade. Ndincede ndinguthobele zendiphilele wena njengomntwana wakho. Amen.

Funda iBhayibhile uthethe noThixo
yonke imihla! John 3:16